Isalathiso: 20170127-7775
13/7/1/2
Imibuzo: AB Jantjies

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0003/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaphathi bokuNika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kuBaphathi beeKomiti zeeSekethe; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo; kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Imisebenzi yovavanyo lweeprakthikhali ka-2017 yesatifikethi sematriki sikazwelonke

1. Intshayelelo

1.1 Kuye kwasetwa imisebenzi yovavanyo lweeprakthikhali (*practical assessment tasks*) (PAT) kwizifundo ezikhethiweyo liSebe leMfundo esiSiseko (DBE).

1.2 Ezi PAT zivavanywa ngaphakathi ezikolweni zize zimodareyithwe ngamagqiza angaphandle kwalapha kwiphondo.

2. Izifundo ezibandakanya i-PAT zezi:

2.1 *Agricultural Management Practices, Agricultural Technology*

2.2 *Dance Studies, Design, Dramatic Arts, Music, Visual Arts*

2.3 *Computer Applications Technology, Information Technology*

2.4 *Consumer Studies, Hospitality Studies, Tourism*

2.5 *Civil Technology, Electrical Technology, Engineering Graphics and Design, Mechanical Technology*

3. Ukuvavanywa kwee-pat

3.1 Lengcaciso emfutshane ihamba ne-CD enemisebenzi yovavanyo lweeprakthikhali ka-2017 kunye nezikhokelo zemisebenzi yovavanyo lweprakthikhali.

3.2 Ezi zikhokhelo zincanyathiselweyo zePAT mazinikezelwe kootitshala abafanelekileyo ukwenzela ukuba zisetyenziswe ukubhajetha nokucwangcisela ukuqaliswa kwezi mvavanyo kwiikota ezintathu zokuqala zika-2017.

3.3 Kuya kunikwa inkxaso ngabacebisi abachaphazelekayo kwezi zifundo (relevant subject curriculum advisers) abakwii-ofisi zezithili zemfundo ekuhambeni konyaka. Ngako oko ke kufuneka izikolo ziqinisekise ukuba ootitshala abachaphazelekayo bayaya kwiintlanganiso zesithili ezisingethe ukuvavanywa nokumodareyithwa kwee-PAT.

4. Ziyacelwa iinqununu namagosa ezithili zemfundo ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane ootitshala, abazali nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-02-10